Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/UncwadiLwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nama-40 emizuzu |
| ICANDELO B: | Malunga nama-55 emizuzu |
| ICANDELO C: | Malunga nama-55 emizuzu |

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'Ingoma kaVelaphi' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Ithemba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Umfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Iimbongi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Imbovane' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |
| **QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. | | | |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 10. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.** | | | |
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe**

Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
Liggitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
Lwelizwe lobawo.

O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
Iinduli kwanamathambeka elizwe,
Elimpangalala; siphuma ingqina,
Siland' ekhondweni lexhama
Kwilizwe lobawo.

Ezants' emgodini, sithandwa sam,
Lingabonakali nelanga nezulu,
Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma
Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,
Kwilizwe lobawo.

Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
Ungandilileli. Wupheze loo mhobe
Wosizi uhlab' intliziyo. Ndiyazi
Olwakho uthando lolwami kuphela,
Kwilizwe lobawo

Downloaded from Stanmorephysics.com


Indoda kaloku, sithandwa sam,
Imelwe kuphath' umhlakulo, nomfazi
Agcine intsapho, ukuze luzale
Olweth' ulonwabo, Nojenti sithandwa,
Kwilizwe lobawo.

Cazulula isigama esikwisitanza ngasinye esiqulethe uluvo lokuba uVelaphi akakonwabelanga ukuba kude nekhaya lakhe.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ITHEMBA – SEK Mqhayi**

1 Singakwenza n' ukulima,
2 Sikuyeke ukulila,
3 Singayifuya n' imfuyo,
4 Xa ithemba lingekhoyo!

5 Singaluthatha n' uhambo,
6 Singabondla n' abantwana,
7 Sibasusa kuSathana?

8 Wakufelwa nangowakho
9 Ife intliziyo yakho;
10 Ulil' uzenzakalise-
11 Nomphefumlo uwufise.

12 Singaya na eNkosini,
13 Ehleliyo ebomini?
14 Inye nje indlela yayo,
15 Ikukuthemb' amandl' ayo?
16 Yen' omzimb' udiniweyo,
17 Ontliziyo ityhafileyo
18 Omoy' udakumbileyo,
19 Akanje na ngofileyo?

20 Makafundiswe ithemba,
21 Aphakanyiswe lithemba,
22 Limhambisele phambili,
23 Limngenise ezulwini.

2.1 Xela izenzo eziBINI ekungekho lula ukuzenza xa singenalo ithemba ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Nika umsebenzi wombuzobuciko okwisitanza sesi-2. (2)

2.3 Chaza umahluko kwisakhiwo sangaphandle somqolo wesi-8 nowe-9. (2)

2.4 Nika iimpawu zibeMBINI ezimenza abonakale njengofileyo umntu ongenathemba ngokwesitanza sesi-4. (2)

2.5 Xela ngokwesitanza sesi-5:

(a) Uncedo olunokunikwa umntu ongenathemba (1)

(b) Nesiphumo salo (1)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK Mqhayi**
'*Ndesuka ndingunina kwaSirayeli* ' (Gwebi 5:7)

Shukumani bafazi;
Ushenxil' uMamarhixirhixi;
Ufinyis' amagruxu;
Ushenxil' okad' esakh' umzi,
Egutyul' iirhanga namanxila;
Egodus' amahilihil' agoduke;
Kubuy' amadungudwan' emazweni;
Itye lesiseko seTiyopiya!
Shukumani bafazi!

Igqibil' intomb' asemzini;
Igqibil' intomb' aseLusuthu;
Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
Ukhe wabek' iinyawo kwelabaTswana;
Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
Wabek' amabele kubaThembu;
Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

Maz' emabele made yase-Afrika;
Okwanyis' usapho lukaNtu luphela;
Azi nonyaka yaphusile nje;
Logangwa yintokazi kabani na?
Menzelen' ilitye lokukhunjulwa;
Ze siqhayisele ngal' amavilakazi;
Az' angaz' alityalwe kowabo;
Az' angaz' alityalw' emhlabeni;
Az' angaz' alityalw' – eAfrika!
Nci! Ncincilili!

3.1 Xela izenzo zibeziBINI uCharlotte ancede ngazo isizwe ngokwesitanza soku-1. (2)

3.2 Nika umsebenzi wophindaphindo olukumqolo we-10 nowe 11. (2)

3.3 Chaza umahluko kwisakhiwo sangaphandle somqolo wesi-8 nowe-9. (2)

3.4 Nika iindawo zibeMBINI azihambileyo uCharlotte Maxeke zamenza wabonakala njengomntu obengakhethe hlanga ngokwesitanza sesi-2. (2)

3.5 Xela ngokwesitanza sesi-3:

(a) Okufanele kwenzelwe uCharlotte (1)

(b) Nesizathu sako (1)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IIMBONGI – ZS Qangule**

Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga,
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa,
Zazi zeembalo ukuprofitesha,
Makholwa endalo ukubhedesha,
Manyange anyanga izizwe,
Bavuseleli abatyala ubuzwe,
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
Ndiphuma nani ngokutola,
Ndivuma nina ngokuhlola.

4.1 Xela izinto eziMBINI eziqaqambe ngazo iimbongi kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

4.2 Nika umsebenzi wesikweko esikumqolo wesi-4. (2)

4.3 Chaza ukuba sifana njani isakhiwo sangaphandle somqolo wesi-9 nowe-10. (2)

4.4 Nika iimpawu zibeMBINI zeembongi ezibonakalisa ukuba ngamakholwa kulo mbongo. (2)

4.5 Xela ngokwalo mbongo:

(a) Ulwazi oluziswa ziimbongi esizweni (1)

(b) Nesiphumo salo (1)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBOVANE – WN Mbovane**

Ngumfo udelekile noko eluntwini,
Sisilumko saphi na esingadlula imbovane?
Kroti laphi na elingoyisa imbovane?
Amandla iwavinjiwe, ubulumko bobayo.

Pomakazi lendlu lingakhiwa phi na?
Ipoma elingadlula indlu yembovane.
Iqela lamadoda liyoyiswa yindlovu,
Yofika imbovane ihlasele incumile.

Bazekelisa ngayo ababhali,
Ngokukhuthala nenzondelelo,
Ukuzazelelela noxa ingenamphathi,
Isidlo soBusika kuyo ngumsebenzi wokuqala.
......................
Ubuchule bengqondo kum ngathi yinqobo,
Kuphele ukubhatyaza kusale ukuchwetheza,
Zidzule izinto, kuphele iziphene.
Kumzekelo wembovane nathi masifunde.

5.1 Tolika umqolo wesi-4. (2)

5.2 Khankanya izakhono eziBINI ethelekiswa ngazo nabantu imbovane ngokwesitanza sesi-2. (2)

5.3 Chaza ukuba umqolo we-12 uwucacisa njani umqolo we-11. (2)

5.4 Caphula umqolo onochasaniso oluphuhlisa ukubaluleka kocwangciso kwisitanza sesi-4. (2)

5.5 Chaza ngeengongoma eziMBINI ukuba isigama salo mbongo sikhuthaza uluntu ukuba luthathe umzekelo kwimbovane. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Ngqina ukuba uMfuneko Mnenga ulilandele igama athiywe lona kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

'Ndaqhagamshelana nesikhululo sethu kwangoko. Emva koko ndaya ndatsalela umnxeba namagosa endlela. Into endingayitsho kukuba eneneni singamapolisa asilelanga buhlayo, siphantsi naphezulu sizama ukufumana izigwinta zikamfi. Ndiyaluthembisa uluntu ukuba kungentsuku zatywala abagwinti bakaJiks baza kundyondya kwezimnyama izisele,' watsho eyishiya indawo. Ilihlo lakhe liyokuwa kuThantaswa akuba ehleli phantsi.
Ukuphuma kwaloo nkonzo yesikhumbuzo abantu bahamba besetyisa iintetho zezithethi njengesiqhelo.
'Tyhini! He Nomathamsanqa, ngubani ongabukholelwa obuya bubhanxa bebuthethwa nguMfuneko phaya, phezu kwento yokuba ethandana nomfazi kamfi?' wabuza ecinga nzulu uNomthandazo ukufika kwabo elalini yakowabo eDutywa.

Downloaded from Stanmorephysics.com


'Kanti nawe Thandi, ucinga le nto isengqondweni yam?'
**'Ebesiya phi yena ebusuku ukuze ahlangane nemoto kaMnumzana Yangaphi kanti akukho nto ebeyazi?**' wabuza uNomthandazo.
'Umvile xa ade athi wafika wemisa imoto yakhe emva kwekamfi?' Nokuba kungathiwa nguye owagwinta uYangaphi, mna ndingakholelwa *shame*,' watsho embi ebusweni uNomathamsanqa.
'Nam ngokunjalo, Thami. UThantaswa yitshomi yam kodwa kweli tyeli andimi ngakuye tu. <u>Inkulu into ayaziyo ngokugetyengwa komyeni wakhe.</u> Makakhe amngcambazise amapolisa,' waqukumbela ngelo uNomthandazo esima kuba elungiselela ukuthabatha indledlana yeenyawo esinga ngakowabo. Zombini ezi ntwazana zahlukana zimkhuphe tu uThantaswa kwezazo iingqondo. Yafika yagaleleka nayo imini yomngcwabo, abantu beyinkungu nelanga.

7.1 Xela ukuba wasifezekisa na uMfuneko isithembiso sakhe sokubamba izigwinta kungentsuku zatywala. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2 Nika lubeluNYE uphawu olubonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinoveli. (1)

7.3 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba uMfuneko akalali buhlayo ukhangela izigwinta? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Phendula umbuzo kaNomthandazo obhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

7.5 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ubunyani bamazwi kaNomthandazo akrwelelwe umgca ngaphantsi. (3)

7.6 Xela ukuba uMsindisi udlala indima yokuba lixhoba na okanye ngumchasi wolwaphulomthetho kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA B**

Wathi akuthi ungumfazi kaVukile Nqoza epoliseni elalibambe loo fowuni, lathi makababambe kancinci kanti limkhuphela e-ofisini kaNjinga. Waxelelwa ukuba usanqunyanyisiwe emsebenzini lo gama kusenziwa uphando ngokubandakanyeka kwakhe ekuzameni ukubulala elinye ipolisa. Wabulela uThembakazi akuxelelwa loo nto.

Wafika emzini wakhe uThembakazi ithe tywaa ebhedini irhona, ijongise iqeba phezulu into enkulu. Wafika wayidlikidla ngokungekho similweni, yathi balulu amehlo kancinci into kaNqoza, yabe sel' imbuza ukuba ukhala ngani na, ikati yona ikhala ngobisi nje.

'Ukhala ngantoni?' wabuza ebucaphuka uNqoza ecatshukiswa kukuvuswa ngendelelo nguThembakazi.

'Uthi ndikhala ngantoni na? Ndandingatshongo kuwe ukuthi ndakuze ndilazi eli bhunga lenu nalo Mnenga wakho? Kanti Vukile ungcole kangaka? Uvumela ukufakwa ngentloko eludakeni yenye indoda! Uyindod' enjani kanti umthetho lo wakho?' Wathi vumbululu wachopha ngeempundu uNqoza akugibisela izithuko uThembakazi.

'Uze uthi kanti usimpimpile nje phaya emapoliseni njengokuba ukhawulel' iinkawu ziya kusela nje!' wavungama watsho uNqoza.

'Ingqondo le yakho izel' amanzi odwa! Yangenwa ngumoya kudala! Into mna endingasokuze ndiyenze kukuhlala nesigwinta esingandikrukr'umqala ngebhoso, emva koko kube ngathi akwenzekanga nto! Isihange sendoda! Hayi MaBhele, ndixoleleni,' watsho engqawuza esiya kuphuma ngomnyango uThembakazi.

'Thembakazi! Thembakazi!! Thembakazi!!!' Wahamba akabheka ngemva umfazi.

7.7 Chaza umahluko kwindlela uThantaswa noThembakazi abalubona ngayo ulwaphulomthetho. (2)

7.8 Xela iindlela eziNTATHU uMfuneko azisebenzisileyo ukufaka uNqoza eludakeni. (3)

7.9 Xela sibeSINYE isohlwayo abasifumene ngabanye ngezenzo zabo zokwaphula umthetho kule noveli:

(a) UMfuneko (1)

(b) UMdlambila (1)

7.10 Nika igama lomlinganiswa esibhekisa kuye isaci esithi, '*Inkawu idliw'ilila*' kule noveli, uze ucacise ukuba simchaphazela njani. (2)

7.11 Thelekisa isiphelo sikaMsindisi nesikaThantaswa kule noveli. (2)

7.12 Cacisa ukuba le noveli isebenzisa macebo mani ukuqinisekisa ukuba ulwaphulomthetho aluyi kwenziwa ngoyifundileyo. (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ngqina ukuba uMangaliso ulilandele igama athiywe lona kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

> Bangenelela bonke abantu ababesemotweni engomeni batsho ngentlokomo eyatsho wathabatha unyawo uThole ukukhala, suka wanga ngumntu lo ungenwe lugezo. Kwathi kuba loo ndlela ivelela iNciba saye sibalasela isikhalo. Kuthe kulapho woyika umqhubi wemoto wavakala esithi, 'Hayi madoda khanizame ukumthuthuzela, ngolu hlobo uza kundibizela amahashe ndingenambona, akuyi kulunga siyiwele iNciba esenza esi simbonono uya kusenzela umkhokha kooNongqayi.' Kwanyanzeleka ukuba mayikhe imiswe imoto kuzanywe ukuba athuthuzelwe kunzima umntu engavumi kuzola, kwade ekugqibeleni wabonakala esoyisakala elala. Elele njalo wamana ukuhlala ahlale atsho ngesibuhlungu isingqala. Wayesithi akusitsho esi singqala ahleke ade aqikileke uThemba umve esithi **'Kungani na mphefumlo ukuba uxhalabe ungabi nakuzola?'** Ukuba ukho umntu owayeqaqadekile ebantwini andikholwa ukuba ukho owayefana noThemba.
>
> Lo mntu eqaqadekile nje uyasazi isiBhalo, uthetha kube kabini acaphule kuso. Hayi khona ngaloo mini wayengathi umbona ntoni na nje uThole. Elele njalo wayehlala ahlale amana ukusuka amadlu amwe ngentsini umve esithi 'Unakho na ukuhamba emalahleni uze ungatshi? Unakho na ukusela utywala mhlobo wam uze unganxili?' Elele njalo umfo wasemaKwayini kwabakho amaxesha okuba ububone ubuso bakhe buzele luncumo engathi ujonge uThemba uyathetha ngentliziyo uthi, 'Ungandivuyeleli lutshaba lwam ndakuwa ndize ndivuke.'

9.1 Xela ukuba wasifezekisa na isithembiso sakhe uThole sokulandela ubizo lwakhe. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.2 Nika lubeluNYE uphawu olubonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinoveli. (1)

9.3 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba uThemba wadlala indima kubutshivela bukaThole? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Phendula egameni likaThole umbuzo kaThemba obhalwe ngqindilili ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.5 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukunyanisa kwamazwi entliziyo kaThole angezantsi.

'Ungandivuyeleli lutshaba lwam ndakuwa ndize ndivuke.' (3)

9.6 Xela ukuba uThole udlale indima yokuba liqhawe na okanye ngumchasi wobutshijolo kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Hi bafondini ingaba lo mfo ungundabamlonyeni olu hlobo wakha wayinto efinyiswayo engakwazi nokuzifinyisa oku njengathi aba?' Yavakala imbuza enye intwana engumabhalana enkomponi eCity Deep kwaMangqukela ingqengqe eqongeni layo ijongise umetyiso phezulu ifunda *Imvo* eyayineendaba zalo mfundisi eqwalasele nomfanekiso wakhe.
'Awu! Wathi wakutsho ke ntang'am wandikhumbuza amazwi ento kaJolobe kumbongo wayo webhadi xa athi:
*Umhle kangaka nje na wena sidalwandini*
*Wakha warhuba phantsi ungumbungwan'ongento,*
*Waza wazalwa kutsha, waba kukokugqibi …?*'
Yatsho enye ingqengqe kowayo umandlalo ikwafunda eli phephandaba. Basusela apho ke banaba ezindabeni ngalo mfundisi.
Apho enkomponi kwaMangqukela kwakukho inkathavu yexhego eyayingaziwa lulutsha ukuba yafika nini na, befikela kuyo abafikayo baphinde bagodukele kuyo. Kungasekho msebenzi iwenzayo enkomponi ngaphandle kokuhla inyuka itshayela. Igama eyaziwa ngalo kusithiwa nguFaltein, ngenxa yengubo emdaka elalisoloko liyambethe. Xa ubuza ukuba ikhaya yayingeze yakuxelela. Buza ukuba yoza igoduke nini na, wova ikubuza ukuba igoduke iyephi na.
'Awu wandibuza ukuba uyephi na khehle akunakhaya? Uhleli apha nje ugugela endundumeni okwengolovane, zikhwelwa ngubani iimfene ekhaya?' Watsho obuzayo ehleka. Lowo ke umbuzo awuyi kuba nampendulo ngaphandle kokuba wobona ngomntu omkhulu echiphiza iinyembezi elila ukusuka apho aphume ngomnyango akushiye apho.

9.7 Chaza umahluko kwindlela uFikizolo noMangaliso abawubona ngayo umbandela wokuphindela esikolweni umdala. (2)

9.8 Khankanya iindlela eziNTATHU uMangaliso abuyisele ngazo isidima senkonzo eGeorge Goch. (3)

9.9 Xela isohlwayo abasifumeneyo uThemba noSonwabo ngezenzo zabo zobutshijolo kule noveli. (2)

9.10 Nika igama lomlinganiswa ekubhekiswa kuye ngesihloko u'*Nyana Wam! Nyana Wam!*' kule noveli, uze ucacise ukuba simchaphazela njani. (2)

9.11 Thelekisa isiphelo sikaThole nesikaSonwabo kule noveli. (2)

9.12 Chaza abeMABINI amacebo ewasebenzisayo le noveli ukukhwebula abantu kumkhwa wokudlala ngexesha ebomini. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ngqina ukuba uMfazwe ulilandele igama athiywe lona kule noveli

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Kwakungekho nto ndandinokuyijika kwimeko eyayigquba. Ekusebenzeleni uluNtu olwalusele lwaphulukana kudala nobuntu balo, ndamana ukuthi gqolo ukufundisa kona kodwa nje oku kokwazi ukuba umntu amalungelo akhe aqale phi aphele phi na ngokwezombuso.

**'He Mfazwe uyayiqonda phofu le mfazwe uyiqhwayayo?'** Wayedla ngokundibuza uZikhali, umakhwekhwetha wetitshala kwakwisikolo endandifundisa kuso xa endibona ndimi bume, ndifuna amacebo okuzama ukoyisa idabi lobumnyama elaligubungele uninzi lwethu. Abantu abamnyama kwidolophu emelene nesixeko sethu iBholo, babengenalungelo lakunqumla khona ngokuhlwa. Ziingxoxo ezingemiba efana nale eyayibuzisa uZikhali laa mbuzo. Sasidla ngokuxoxa kamnandi siziititshala, kubaliselwana ngezamzuzu, kukho nezinye apha kuzo ezakha zaba lixhoba lemithetho eyayikwafana nalowo wokunganqumli edolophini ngokuhlwa.

Asihlekise uZikhali xa abalisa ngendlela awaqhwesha ngayo, mhlazana amapolisa ambhada edolophini ezinzulwini zobusuku, esaya kubisa entokazini. Ibiqala ukunyuka intsini xa athi, 'Ndiphume ngehempe ukuya kuchama, isithini ingqele! Ndive ugingxi wocango xa kanye ndithi ndiyagqibezela, ndothuka satsho sanqamka phakathi neso sichenene. Xa ndisondela emnyango ndibe ngathi ndiva ukungqokola okuthile kuphuma kweli gumbi, ndankqonkqoza noko. Impendulo ibe 'ngusilele!' wendoda, ndaqonda kwangoko ukuba konakele ukuhlala. Ndikrobe ngomthunja oselucangweni, ndafika ilipolisa, kuxa kanye lixhoma ibhatyi yalo entla komandlalo.'

11.1 Xela ukuba waliphumelela na uMfazwe idabi lokulwela amalungelo oluntu. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.2 Nika uphawu lubeluNYE olubonisa ukuba esi sicatshulwa sithatyathwe kwinoveli. (1)

11.3 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba uNokuzola watshata noMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Phendula umbuzo kaZikhali obhalwe ngqindilili ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


11.5 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMfazwe wawenza amacebo okoyisa idabi lobumnyama kule noveli. (3)

11.6 Xela ukuba uFriday udlale indima yokuba litshijolo okanye ngumchasi wengcinezelo kule noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

'NdinguMzolisi igama lam. Mna ndiyakwazi, wena akundazi. Phofu ke akukho sikhwasilima kuloo nto.' Ndathula ndamjonga, waphinda wahambisa. 'Kaloku kuza kufuneka urhatyuliswe ngonokuthi ukulindele kule ndawo uya kuyo.' 'Ndiya phi?' Ndanqumla ndafaka umbuzo. Emva kokundichazela indlela asebenza ngayo, wathi mandikhethe phakathi kweendawo ezimbini. Ndithe ndakukhetha phakathi kweendawo ezimbini. Ndithe ndakukhetha ukuya kwelaBathwa walandelisa ngelithi, 'Into ethetha ukuthi ufuna ukungenelela umbutho womzabalazo iNtsimbi.' Eneneni ndandingakhathali nokuba ngowuphi na kuba kum iinjongo zale mibutho zazifana, ikukukhulula umntu omnyama ebukhobokeni, kubuyiswe isidima sakhe sobuntu.
INtsimb' ebomvu, xa libizwa lonke igama lawo, yayingumbutho onamandla kakhulu, kunjalonje sowuzenzele igama elizweni lonke. Wawunamathanga aziwa ngobuqilimba nobungqili kumazwe athile aphesheya. Uthe ke akulikhankanya igama lawo uMzolisi, ndaqonda ukuba ndifikile apho bendisiya. Uvalo lwathi rhiphu kwakanye labuya lazola. Ukusuka apha sikhe sancokola nomfo omkhulu, ndihlutshwa nje yinto yokuba athi xa ndimbuza ezinye izinto aphendule ngelithi: 'Ndiya kubona phambili.'
Kule ncoko yethu ndifumanise nento yokuba ininzi into ayaziyo ngam uMzolisi, yenza ke loo nto ukuba ndimbuze imibuzo emininzi angazange ayiphendule.
Ekuhambeni kwethuba, kunkqonkqoze kwangena intombazana eseyithe dlundlu iphethe into etyiwayo, yandibulisa indibiza ngegama ...

11.7 Chaza umahluko kwindlela uMzolisi noMzingeli abakubona ngayo ukubhaca ngenjongo yokulwa ingcinezelo. (2)

11.8 Xela iindlela eziNTATHU uMfazwe asinda ngazo ekubulaweni ngexesha abhacayo. (3)

11.9 Xela impumelelo kwezemfundo eyafunyanwa nguSiphiwo noMfazwe kule noveli. (2)

11.10 Nika igama lomlinganiswa esibhekisa kuye isihloko esithi, '*Ukhozi Olumaphiko*' kule noveli, uze ucacise ukuba simchaphazela njani. (2)

11.11 Thelekisa isiphelo sikaNokuzola nesikaMfazwe kule noveli. (2)

11.12 Chaza abeMABINI amacebo ewasebenzisayo le noveli ukulwa ingcinezelo. (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina ukuba uDeliwe kunye noNkosi uZilimbola (Burns Ncamashe), kwintsomi ethi 'Deli noDeliwe' nakwisibongo, 'A! Zilimbola' bawalandele amagama abathiywe ngawo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI YOLOVANE**

Kwahlala kwahlala kwangantsomi. Kwiminyaka ngeminyaka eyadlula ngopewula, izilwanyana zadibana entlanganisweni zibizwe nguMdali wazo. Kule ntlanganiso zaziza kuzikhethela imibala. Khumbula ukuba zazikade zingenayo imibala. Zafika kwaMdali zayalelwa ukuba zakhe isangqa esikhulu. Zaxelelwa ukuba mazicingisise, zikhethe imibala eza kuzifanela ngonaphakade kanaphakade kuba zisakuba ziyifakelwe azisayi kuze ziphinde ziyijike, nezizukulwana ziya kuzalwa sezinayo.
Zayalwa ziboniswa ukuba kubi kokukhetha umbala ongasayi kuze wamkeleke kwizizukulwana ezizayo. Zaboniswa indlela eziya kugxekwa ngayo zingahlonitshwa ngabantwana ngenxa yobuchule bokukhetha obuhesheheshe. Yabekwa imibala ngemibala phakathi kwesi sangqa zazisakhile. UMdali wamana ukuzibonisa umbala ngamnye awuchaze ukuba umele ntoni na. Wayexela nesizathu esibangela ukuba umbala othile uthandeke okanye ungathandeki, acebise apho kufuneka acebise khona. Wawubeka umbala omhlophe ewuchazile ukuba apho ukhoyo kuyakhanya ebomini, izinto zikuhambele kakuhle, umele ithamsanqa. Wehla nayo yonke imibala eyichaza waya kuphuma ekugqibeleni. Yonke le mibala yayineziphene zayo kodwa zazixolisa izilwanyana ngelithi akukho nzwana ingenasiphako.
Isilwanyana ngasinye esikhethayo sasixelela wonke ubani umbala esasiza kuwukhetha sixele nesizathu. Kwakuye kuqhwatywe izandla kuyeyezelwe andule ngoku uMdali ukufakela umbala othandwe sisilwanyana.
Laphakama iqwarhashe lathi, 'Mdali weZulu nomhlaba, Sonini-nanini, nani nonke zinto zikaBawo ezilapha kule ntlanganiso, kuluvuyo ukunixelela ukuba namhlanje, ngale mini inkulu kangakanana, ndizikhethela umbala omhlophe namnyama. Ndikhetha le mibala mibini ngendikhetha omhlophe qwaba, into ekunayo andilindele kuhle kodwa emhlabeni, ebomini bam. Bangandikhalala nabantwana bam xa ndikhetha omhlophe wodwa kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha. Ndikhetha umbala omhlophe nomnyama

Downloaded from Stanmorephysics.com


kuba ndifuna kukhanye ebomini bam kodwa ke ndokwamkela nokububhlungu okundihleleyo, enkosi.' Yacela ke ukuba xa ithiwa nyhibhe le mibala mayibe yimigca emhlophe namnyama. Wenjenjalo ke noMdali. Kwaqhwatywa izandla, kwayeyezelwa, yenjenjeya ukuya kuthi vu phantsi intwenkulu yonwabile ingakholelwa ukuba iyenzeka into yokuba namhlanje yile nto, ungaba ngomso uzibone sowuyenye into.

Zaye zidyuduzela ngokudyuduzela ngoku izilwanyana zinexhala lokuphela kwemibala zakumana zibona ingwe izidla ngawayo amabala, yayimana ihlala ihlale iphakame inyantsule mfondini, izibuka-buka emva kokuthiwa bhaxe eyayo imibala. Izilwanyana zathenjiswa nguMdali ukuba ayinakuphela imibala, zingayiphindaphinda eseyifakwe zezinye kodwa ingafakwa ngokufanayo, isenokuba yimigca, isenokuba ngamachokoza, isenokuba zizangqa, njalo-njalo.

'Ndifuna oluhlaza yaka,' latsho isele elalizihlalela emanzini. 'Ndifuna kuthi kusakwenzeka ngelishwa kuphele amanzi emgxobhozweni wam, ndifane nengca lungandiboni utshaba lwam uNyoka.'

'Ndifuna ukuba mdaka,' latsho elinye isele elalizihlalela eludakeni.

13.1 Xela ukuba wasifezekisa na uMdali isithembiso sokuba imibala ifunyanwe nazizizukulwana. (2)

13.2 Nika iimpawu zibeMBINI ezixela ukuba sisicatshulwa sentsomi esi. (2)

13.3 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba akukho nzwana ingenasiphako ngokubhekiselele kwiqaqa. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.4 Xela ukuba uLovane udlale indima yokuba ngumtyesheli womyalelo okanye umlandeli womyalelo kule ntsomi. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.5 Nika isohlwayo esafunyanwa nguLovane ngokungakwazi ukuthatha isigqibo ngexesha ayalelwe ngalo. (2)

13.6 Xela ukuba umbala omhlophe ungumqondiso wantoni ngaphandle kwalo uxelwe kwintsomi. (1)

13.7 Ngqina ukuba uMdali ngumlinganiswa onenkathalo ngokwale ntsomi. (2)

13.8 Chaza ukuba isifundisa ntoni le ntsomi ngabantu abafana noLovane. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ISICATSHULWA H

**UKUMKANIKAZI NOLIZWE SANDILE (EZINGOBUKHOSI) – M Mbambo**

A! Nolizwe!
A! Nolizwe!
Liwasakazi leenkomo zakuloNyawuza.
Incokazi kumathol' eenkunzi zasemaMpondweni.
NguMalusi wamathol' esirhorho kwaRharhabe.
UMval' ovalel' ezimaphece nezimaxhaka.
Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi.
Uyavuy' uNolwandle unomolokazana.
A! Nolizwe!
A! Nolizwe!
Umhlaba wakwaRharhab' unamanyala.
Ngokwahlul' uNolizwe nomtshato.
Ukuz' ashiyek' amaRharhab' engenayise.
Isimbonon' esakhuzwa ziintaba zeli lizwe.
Kwakhuz' eyeGqirha neyeBhukazana.
A! Nolizwe!

A! Nolizwe!
Nguwongama wokugagamel' amaRharhabe.
**UMaxway' ibhozo namhl' angazukudla nyama.**
Nolizwe siyalez' amathol' ogaga kuwe,
Wakukhumbul' isilwangangubo sakuloMbombo.
Uz' ubhalel' edolwen' utampishe ngozwane
Usayine ngoxhongo iza kubuy' impendulo.
A! Nolizwe!
Ncincilili!

13.9 Nika iimpawu zibeMBINI ezibonisa ukuba sisibongo esi. (2)

13.10 Chaza indlela esidalwe ngayo isingqisho kwizitanza ezibini zokuqala. (2)

13.11 Caphula umqolo otyhila ukungcwenga nokuyolisa kwamazwi kaNolizwe kwisitanza soku-1. (2)

13.12 Nika intsingiselo yomqolo obhalwe ngqindilili ngokomxholo wombongo. (2)

13.13 Nika injongo yembongi ngesi sibongo. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Ngqina ngale drama uluvo oluthi, xa abantu becinga ukuba banamagunya bawasebenzisa kakubi.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UMAGABA: | Yafaneleka nendoda yakhe bethu alabikho igxeke, umfana yamhlala impahla yakwamLungu yanga wazalwa nayo. Baye umfana bemncoma ukulunga, abamaziyo besithi yindlel' enqwelo. Akwaba nomfazi ebeya kuba njalo zibe iindonga ziwelene, kungathi kanti bubuhle bekhiwane. |
| UNOZIPHO: | Ibingoobani iintombi ebeziyile apha kule yethu ilali? |
| UMAGABA: | Andingeze ndazi kaloku Hlubi, kuba thina sihlala ndawonye. Kodwa ndikhe ndamthi tshe uThobeka noNomsa, andazi abanye. Yantle apho intombi kaMcothama nokuzola kwayo, ifanelwe sisinxibo sayo esikhethiweyo. |
| UNOZIPHO: | Kowu yiva! Bendisazi kakade kuba akunakho ukuthetha ngoThobeka zekungabikho mazwi athile ancomayo. Inene andiyazi le nto akutyela yona uThobeka, le nto kuthi kwakuthiwa cha igama lakhe ungenakukhe ungadondotheli uncome. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| UMAGABA: | Ndifanele Nozipho mntwanam, ndiyamthanda laa mntwana andizenzi, nangoku andazi ukuba abafana aba bayaphi na. Ukuba bekukho soka ndizalana nalo bendingeze ndalikhombisa yimbi ingeyiyo ekaMcothama, uThobeka. Ubufanele ubufazi mntwan' aloo mntu. Igazi lakhe lo mntwana lihlile. Uthobile**,** ulilandele igama lakhe. **Ukhuthele**, yonke into ayenzayo uyenza ngomzimba okhaphukhaphu akathunywa kuyo, ngokwabantwana bale mihla sikuyo abafuna ukusoloko bemelwe ngemva xa besenza into. Inene mhla wenda, isithuba sakhe soze sibonakale kulaa mzi kaMcothama. |
| UNOZIPHO: | Uya kuthini na Gaba, ukuthi ukuba ubunesoka ozalana nalo, utsho inguye lo umfana umzele? |

15.1 Xela iingxaki zibeMBINI ahlangene nazo uThobeka ngenxa yokutshatiswa kwakhe noGugulethu. (2)

15.2 Ingaba uThobeka wade wendela na emaHlubini ngokweminqweno kaMaGaba? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.3 Xela udidi lokuzoba olusetyenziswa nguMaGaba ukuzoba uThobeka kwintetho yakhe engezantsi. Xhasa impendulo yakho.

'**Ukhuthele**, yonke into ayenzayo uyenza ngomzimba okhaphukhaphu akathunywa kuyo ...' (2)

15.4 Chaza ukuba uthando luyidale njani impixano kule drama. (2)

15.5 Khankanya isenzo sikaMaGaba esilutshaba lwedemokhrasi kule drama. (2)

15.6 Chaza ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa ilikhulise njani ibali kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UMZAMO: | Ee-e-e suka Sicelo mfondini! Kanti nawe ukwakule ngqondo yala maxhego isesemva? Uyazi ukuba bendisithi sewasuka zinto zokumana kusithiwa kwathi kwathi amasiko. Kanti usekuloo nkunkuma nawe? |
| USICELO: | Hayi mfondini ndenziwa kukuba ndiyaloyika ilizwi lomzali, andifuni umzali axakaniseke ngenxa yam. |
| UMZAMO: | Apha kwaba bafana baseZazulwana andikholwa ukuba ukho umfana odlula uGugulethu ngokubeka abazali; **kodwa kwinto enjengale ndimgxeka ndingamgxeki, kwaye nabazali bakhe ndiyabahlaba kakhulu**. Ingqina laloo nto yokuba lo mfana ubahlonele abazali bakhe uzinyanzele weza ecaweni, into leyo ebingeze yenziwa ngomnye umntu; nditsho nawe ubungeze wayenza. |
| USICELO: | Hayi mfondini noko lo mfana ndiyamhlaba. Ewe, ngendisiva ukuba le ntombi anyanzelwa kuyo ibidume ngesimilo esibi. Intombi kaMcothama mfondini ayinasihlava, ifanelekile ukuba ingenziwa umfazi nanguwuphi na umfana. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| UMZAMO: | Hayi mfondini le nto wena apho isuka khona, ixhwangusha eli wena selithembise enye inzwakazi kulaa macala angaseMthatha. Laye ke ndijongile nje intombi le liyayithanda alizenzisi. Nguye ke unozala wayo yonke le nyaka-nyaka, ibe ke mfondini uthando luthando. |
| USICELO: | O-o-o! Yiyo le nto unkabi selengasafuni nokuva, selezibophelele ngezithembiso? Hayi ke kanti uzifake engxakini ngokwakhe. Ayinani nathi ke leyo masincokole ezinye iindaba. Kodwa ke nale nto yokungxama ngokuthembisa, umntu engekawuqondi ... |

15.7 Xhasa uluvo lokuba ulutsha olukwesi sicatshulwa lwahlulelene ngezimvo kumba wokubonela. (2)

15.8 Khankanya intlungu uMcunukelwa noThobeka abazibone bekuyo ngenxa yokuthobela imiyalelo yabazali. (2)

15.9 Phawula ngentetho kaMzamo ebhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

15.10 Uyamngqinela na uSicelo kuluvo lokuba uGugulethu uzifake ngokwakhe engxakini? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.11 Xhasa ukuba uMzamo ungumlinganiswa olikholwane likaGugulethu kule drama. (2)

15.12 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Ngqina ngale drama uluvo oluthi, xa abantu becinga ukuba banamagunya bawasebenzisa kakubi.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| MAMQHINEBE: | Imbi ke le nto, ukuthi silamba kangaka kweli khaya, abe yena ophezulu ethe rhoqo ukusifulathela. |
| SIQHIWU: | Musa ukulahla ithemba mama. |
| MAMQHINEBE: | Andinakuphila kukulala nditye ithemba yonke le mihla Siqhiwu. Isisu esi sona sifuna into ekukutya, ingelilo ithemba. |
| SIQHIWU: | Sekuza kulunga mama. Kaloku abeLungu bathi:*The darkest hour comes before dawn.* |
| MAMQHINEBE: | Ungandigezeli kaloku mna. Zizinto zini ezi uzithethayo emzini wam? Wakha wandiva ndipitiliza isiLungu ngolwesingaphi ezintsukwin' apha? |
| SIQHIWU: | Ndiyakwazi mama ukuba waphuma ngerisesi esikolweni. Bendiseza kukutolikela, koko wena wasuka wangxama. |
| MAMQHINEBE: | Khawutolike ke mLungu omnyama. |
| SIQHIWU: | Xa ndikutolikela ke ndingathi, ama-Afrika wona athi: Isifingo siza phambi kokusa. |
| MAMQHINEBE: | Ndiyakrokra Siqhiwu ukuba eyona nto ndandikufundisela yona wena, bubuciko obu, nkqi kona ukufumana umsebenzi. |
| SIQHIWU: | Ngendikuva ngcono kodwa mama ukuba ubusithi: nkqi kona ukufuna umsebenzi. Kaloku ndingayenza yonke into, kodwa andingekhe ndiziqeshe. |
| MAMQHINEBE: | Kakade ke Siqhiwu, uthi aba mabhalane baqeshayo kule nto yale joyini yenu, abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi? |
| SIQHIWU: | Andazi. Ndaye andifuni nokwazi nokuba bayayifuna na okanye hayi, kuba apha kuSiqhiwu abasayi kuze bayifumane nokuba bangade bayifune ngamehlo abomvu. |
| MAMQHINEBE: | Uthini na ngoku Siqhiwu kum' apha? |
| SIQHIWU: | Soze! Ndinyobe umntu, ndimnyobela amandla nengqondo yam! Yilibale leyo into yona Qhinebe. |

17.1 Xela imizamo ibeMIBINI eyenziwe nguMamQhinebe ngeenjongo zokuzikhupha endlaleni. (2)

17.2 Ingaba uSiphokazi wade waphangela na? Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.3 Xela udidi lokuzoba olusetyenziswa nguMamQhinebe ukuzizoba kwintetho yakhe engezantsi. Xhasa impendulo yakho.

'Wakha wandiva ndipitiliza isiLungu ngolwesingaphi ezintsukwin' apha?' (2)

17.4 Chaza ukuba indlala iyidale njani impixano phakathi kwabantu abadala nabatsha kule drama. (2)

17.5 Khankanya isenzo sikaMaqhikizane esilutshaba lwedemokhrasi kule drama. (2)

17.6 Chaza ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa ilikhulise njani ibali kule drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

*(Kusemini, kwinkundla yamatyala, edolophini, eMthatha. Kungena uMtshutshisi, uMantyi, uSibonda, uSithonga noSiqhiwu.)*

UMTSHUTSHISI: Patrick Maqhikizane! Khwela phaya emkhumbini!
USIBONDA: Ndikho ndingummeli kaMnumzana Maqhikizane.
UMANTYI: Wamkelekile Mnumzana Sibonda.
UMTSHUTSHISI: Wena Mnumzana Maqhikizane uqeshwe kwiCandelo lezeNgqesho kubuRhulumente baseTranskei. Kunjalo okanye hayi?
USIBONDA: Kunjalo gxa wam ofundisiweyo.
UMTSHUTSHISI: Ubusele unexesha elingakanani ukwesi sikhundla?
USIBONDA: Iminyaka mithathu Mhlekazi.
UMTSHUTSHISI: **Umsebenzi obekwe emagxeni akho ngofuna inkathalo, inyameko nengqiqo. Kodwa wena ukhethe ukuba uzibonakalise ukungabi nto kwakho?**
USIBONDA: *(KuMantyi.)* Nqanda Mhle! Ugxa wam ofundisiweyo uyagweba ngoku, ityala lingekaqali nokuqala.
UMANTYI: Yirhoxise intetho yakho Mtshutshisi.
UMTSHUTSHISI: Ndiyayirhoxisa Mhle.
UMANTYI: Qhuba Mtshutshisi.
UMTSHUTSHISI: Wena Mnumzana uMaqhikizane ubekwa ityala lokuba ngomhla wamashumi amabini ananye kuMatshi walo nyaka, warhwaphiliza imali kaMnumzana Siqhiwu Sihlwele ngokungekho mthethweni, ngokuthi umbize into owathi likhazi okanye icuba nekwakufuneka ingabi ngaphantsi kwekhulu leerandi ngexabiso, ukuze afumane umsebenzi. Unetyala okanye akunatyala?
USIBONDA: Ummangalelwa uza kuthi akanatyala.
UMTSHUTSHISI: Esesibini sesokunyobisa ngothando kuNkosazana Siphokazi Sikhuni. Wena wanyanzelisa uNkosazana Sikhuni ukuba makaqale avume ukuthandana nawe phambi kokuba umqeshe. Unetyala nokuba akunatyala?
USIBONDA: Ummangalelwa uza kuthi akanatyala.
UMTSHUTSHISI: *(Kumantyi.)* Ndiyacela: Mhle ukuba izityholo ezi zidityaniswe zibe sisityholo esinye ngeenjongo zokulungiselela isigwebo.
UMANTYI: Isicelo sakho siyamkelwa yinkundla Mtshutshisi.
UMTSHUTSHISI: Ndicela ukubiza ingqina likarhulumente uMnumzana Siqhiwu Sihlwele.

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.7 Xhasa uluvo lokuba uMamQhinebe noSiqhiwu bohlulelene ngokwezimvo kumba wesinyobo kule drama. (2)

17.8 Khankanya isohlwayo abasifumeneyo uMaqhikizane noMamQhinebe ngokwaphula umthetho kule drama. (2)

17.9 Phawula ngentetho kaMtshutshisi ebhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

17.10 Uyangqinelana na noluvo lokuba uMaqhikizane uzifake ngokwakhe engxakini? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.11 Xhasa ukuba uMantyi ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo kule drama. (2)

17.12 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2023**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-23.**

*Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha*

Downloaded from Stanmorephysics.com

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA**

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

**IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'INGOMA KAVELAPHI' – JJR JOLOBE**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- **Kwisitanza sokuqala uphindaphindo lomqolo** 'Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam' lubonisa ukuba akakonwabelanga mpela ukuba kude nekhaya, ukhumbula ikhaya lakhe eqinisekisa ukuba akajiki kwisigqibo sakhe sokugoduka.
- **Iqegu lomlilo elinamendu** aza kulikhwela xa egoduka liveza indlela akungxamele ngayo ukufika kwikhaya alibiza 'ilizwe loobawo' eqhutywa ziinkumbulo zekhaya angakonwabelanga ukuba kude nalo.
- **Kwisitanza sesibini** isigama **Iinduli, amathambeka elizwe elimpangalala**, sizoba umfanekisongqondweni weliso wendawo yakhe eveza indlela alikhumbula ngayo ikhaya lakhe apho aqhele ukuhamba ngokukhululekileyo zingekho iimbophelelo zale ndawo akuyo.
- **Ukuphuma ingqina nokulanda ekhondweni lexhama** kumqolo wesi-8 nowe-9 kuzoba ukukhumbula iimini zakhe zokukhula nezinto ababekhule bezenza kwikhaya lakhe ezinjengokuzingela ezingekhoyo kule ndawo akuyo.
- **Kwisitanza sesithathu isigama 'Ezants'emgodini'** sityhila inkumbulo emandla, xa athi uthi sele esemathunjini omhlaba emgodini kufike iinkumbulo zesithandwa nosapho lwakhe zihleli ezindlebeni zakhe, **njengengoma yomxhelo** evakalayo ivunywa sisithandwa sakhe ngokungathi simbizela ekhaya.
- **Kwisitanza sesine** isigama **'ungandilileli' nokumbongoza apheze ukuvuma 'umhobe wosizi ohlab' intliziyo'** sibonisa ukukhathazeka komphefumlo anako ngokungabonani nenkosikazi yakhe esekhaya. Wenza isithembiso nesibhambathiso xa athi **'Olwakho uthando lolwami kuphela'** ngeenjongo zokumxolisa ukuze azi ukuba akakonwabelanga ukuba kule ndawo akuyo, koko ubanjwe ziimeko zobukhoboka nengcinezelo emgodini.
- **Kwisitanza sokugqibela** uthuthuzela inkosikazi yakhe xa athi **'indoda imelwe kukuphath'umhlakulo, nomfazi agcine intsapho'** ukumkhumbuza ngeendima zabo ezahlukileyo nalapho iluxanduva lwendoda ukusebenzela usapho lwayo ze umfazi akhulise usapho olo. Oku kubonisa ukuba ibingekokuthanda kwakhe ukuya emigodini koko ziimeko zengcinezelo apho kwanyanzeleka ukuba afulathele ilizwe lokuzalwa ngokuthi aveze indima yomnye nomnye xa kukhuliswa usapho.
- Le mpinda **'Kwilizwe lobawo'** ibonakalisa ngokupheleleyo ukungonwabi kwakhe kule ndawo akuyo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'ITHEMBA' – SEK Mqhayi**

2.1 Kukulima.√/Kukufuya.√ (umcaphula uyathathwa) (2)

2.2 Umsebenzi wombuzobuciko kukwenza abantu bahambe nembono yembongi malunga nokubaluleka kwethemba.√√/Kukubethelela uluvo lokuba ayikho into ongayenza ngaphandle kwethemba.√√ (2)

2.3 Yahluke ngokuba umqolo wesi-8 unamagama amabini kanti umqolo we-9 unamagama amathathu.√√ (2)

2.4 Ubanentliziyo etyhafileyo.√/ Ubanomzimba odiniweyo.√/Ubanomoya odakumbileyo.√
(Nasiphi isiBINI kwezi.) (2)

2.5 (a) Angancedwa ngokufundiswa ukubanethemba.√ (1)

(b) Ukuze limkhuthaze aphakame noba ebesele ephelelwa ngamandla.√/ Azokuhambela phambili ebomini.√/Limngenise ezulwini.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (1)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE' – SEK Mqhayi**

3.1 Ufinyis' amagruxu.√/Wakha umzi.√/Ugutyula amanxila ezirhangeni.√/ Ugodusa amahilihili/kubuy'amadungudwan'emazweni.√
(Nasiphi na isiBINI kwezi.) (2)

3.2 Lugxininisa ukuba iwuqoshelisile umsebenzi wayo emhlabeni.√√/Ludala isingqisho.√√/Kukuthuthuzela abalilayo.√√ (2)

3.3 Yahluke ngokuba umqolo wesi-8 wakhiwe ngamagama ama-3 kanti umqolo we-9 wakhiwe ngamagama ama-2.√√ (2)

3.4 KwelabaTswana.√/KwelabaRolweni.√/KwelabaThembu/eTyhalarha.√
(Nasiphi na isiBINI kwezi.) (2)

3.5 (a) Kufanele enzelwe ilitye lokukhunjulwa.√ (1)

(b) Ukuze ahlale ehleli ezingcingeni zoluntu jikelele.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (1)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'IIMBONGI – ZS Qangule**

4.1 Ukubhonga.√/Ukubhanga.√ (2)

4.2 Kukufanisa iimbongi namanxila kuba zingoyiki ukuyithetha into eziyicingayo oku kanye kwamanxila.√√ (2)

4.3 Yomibini yakhiwe ngamagama ama-3.√√/Umqolo we-9 unamagama amathathu nomqolo we-10 unamagama amathathu.√√/Yomibini le miqolo inemvanosiphelo efanayo.√√/Yomibini le miqolo iphela ngemvanosiphelo u'zwe'.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.4 Ukuprofitesha.√/Ukubhedesha.√ (2)

4.5 (a) Iimbongi zizisa ulwazi lokuza kwenzeka esizweni ngenxa yolwazi lwazo ngembali yesizwe.√ (1)

(b) Ukuze kukhule ubuthandazwe esizweni.√ (1)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'IMBOVANE' – WN Mbovane**

5.1 Imbovane idalwe yangabi namandla√ yaze yaphiwa ubulumko.√ (2)

5.2 Inesakhono nobuchule bokwakha indlu enkulu ukudlula esabantu√ nesakhono sokuhlasela ngokwahlukileyo kubantu.√ (2)

5.3 Umqolo we-12 ucacisa ukuba imbovane iyazazelelela ngokuthi izilungiselele isidlo sayo soBusika kwangexesha okanye ehlotyeni,√ ucacisa ukuba imbovane isebenza ngaphandle kokuyalelwa ngumqashi kuba ekulungiseleleni ubusika ayithunywa mntu.√ (2)

5.4 'Kuphele ukubhatyaza kusale ukuchwetheza.'√√/'Zidzule izinto kuphele iziphene.'√√ (2)

5.5 Umbuzobuciko osetyenziswe kulo mbongo othi, 'Sisilumko saphi na esingadlula imbovane?' uthundeza abantu ukuba babe nomdla wokuba zizilumko njengembovane.√
Ukusetyenziswa kwegama i'Pomakazi' elinentsingiselo yobukhulu bendlu yembovane kuvuselela ukuba abantu banqwenele ukuba nabo babe nezindlu ezinkulu.√/Ukusetyenziswa kwesimntwiso kwisitanza soku-1 kunefuthe lokukhuthaza abantu bangazideli bajonge embovaneni.√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

***INKAWU IDLIW'ILILA*** **– S Kula**

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Ukuthiya umlinganiswa igama sesinye sezixhobo ezisetyenziswa xa kubunjwa abalinganiswa. Kuthiwa ulilandele umlinganiswa igama lakhe xa alinikwayo lihambelana nezenzo zakhe ebalini ukuze kuphuhle umxholo webali.

- UMfuneko Mnenga ulilandele igama alithiyiweyo kule noveli. Iziganeko eziqhubekayo, izenzo zakhe neentetha zakhe zibonakalisa ukulilandela. Xa ulicazulula eli gama ngokwale noveli lithetha ukuba uMfuneko uyafuneka kwiimeko zolwaphulomthetho zale noveli.
- Ifani kaMfuneko, enguMnenga ithathelwa kwisilwanyana saselwandle esirhuqela kuso kwaxhoba esilifumanayo elwandle. Naye unamaxhoba afana nooNompumelelo, uThantaswa, uSixaki, uSiphongo noNqoza nathe wabarhuqela kuye ukwaneza ezakhe iimfuno.
- Xa uNompumelelo afuna umntu onokudukisa idokhethi lokubulawa kukaChizama ongumyeni wakhe, uMfuneko uyafumaneka. Kuthe kanti uChizama wathengelwa kwanguNompumelelo ootsotsi abambulalayo.
- Ufumaneka kuzo zonke iindawo zebali apho uThantaswa ashukuxa imibandela yokungavisisani noMsindisi neye yanesiphumo sokufumana iqhinga lokuba kubulawe uMsindisi.
- Uyafumaneka kuThantaswa xa efuna ukubulala uMsindisi ukuze afumane ilifa. Nguye othembisa ngokuthenga ootsotsi abaziyo abangooSixaki.
- Uzichaza njengoyimfuneko kuphando lwetyala likaMsindisi kuba eneenjongo zokulithibaza lingahambeli ndawo njengoko wenzayo kwelikaChizama.
- Ufumaneka lula xa uThantaswa efuna kwenziwe amayelenqe okuqinisekisa ukuba uMapheza akafikeleli kumbulali kaMsindisi onguThantaswa. Ufuna uNqoza ukuba aphazamise ubungqina. Uzama ukumsusa endleleni ayeke ukuba ngumqobo ade avumele phezulu xa athi uThantaswa kuye makabulawe uMapheza. Ukhangela ityhefu akugqiba ayinikele uNqoza ukuze ayigalele kwisiselo sakhe nanjengoko esaziwa njengomntu oselayo.
- Uzibonisa eyimfuneko ngokuthi aye kuthandaza kwaMapheza ecinga ukuba ubulelwe yityhefu kodwa othuke ome xa ava iindaba zokuba usaphila.
- Uyimfuneko kwilinge lokuba kubiwe uMapheza esibhedlele ngokuthi aqhagamshelena noSiphongo olixhwele ukuze kuqulunqwe ukuba abulale uMapheza ngovutha.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- Akunqunyanyiswa emsebenzini emva kokuba kuvalwe umthombo wemali kaThantaswa uzibona efuneka kwaThantaswa ukuya kujonga ukuba imali ayikakhululwa na, kulapho uThantaswa athatha isigqibo sokumbulala naye azibulale.
- Ungumnenga orhuqela kuye amaxhoba, uNompumelelo ulixhoba lakhe kuba yena iinjongo kukuzuza imali ngokumrhuqela ngakuye.
- Urhuqela kuye uThantaswa xa ambonayo ukuba usezimalini ngokutshata indoda engusomashishini, ukuzisondeza kwakhe ziinjongo zokufumana icebo kwimali leyo.
- Akukhankanya iingxaki zokuphulukana nomntwana nezesithembu uthi nca kuye ze bazithathe kunye izigqibo zokubulala uMsindisi naye ujonge imali.
- Uba nguMnenga kooSixaki xa abasebenzisa ukubulala uMsindisi ze abahlawule imali encinci kuba yena enethemba leninzi.
- Urhuqela kuye njengomnenga uNqoza ukuze enze konke ukungcola akufunayo ngeenjongo zokuzuza ulwazi oluza kuthibaza uphando ubungqina bungasondeli kuye.
- Urhuqela uSiphongo kuye xa amsebenzisayo ukubulala uMapheza ngovutha nalapho ajonge ukumbhatala kodwa uyala ukubhatala xa afumanisa ukuba uMapheza usaphila.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Zange asifezekise kuba nguye kuqala owathenga izigwinta zikaMsindisi.√√/ Zange asifezekise kuba nguye kanye owayezama ukuthibaza ubungqina obukhokelela kwizigwinta kuba enegalelo ekubulaweni kukaMsindisi.√√
(Nayiphi na inkxaso echanekileyo.) (2)

7.2 Ibhalwe ngokweprozi.√/Abalinganiswa abazithetheli ngqo.√/Ubukhulu becala abalinganiswa bazotywa ngokuthe ngqo.√/ Kukho ingxelo ntetho ekhoyo engabhalwanga nabukekela.√/ kubalisa umbalisi ubukhulu becala.√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (1)

7.3 Bubuxoki kuba akazikhangeli izigwinta uyazazi kuba wayezithenge ngokwakhe.√√/ kuba ukungalali kwakhe obuhlayo kuqhutywa kukuba esebenzela ukukhusela izigwinta.√√
[Makaxele into ayenzayo uMfuneko ukubonisa ukuba akazikhangeli izigwinta hayi ukungalali] (2)

7.4 Ebesiya kuqinisekisa ukuba ubhubhile ngenene na akwazi ukuqoshelisa ubungqina obunokukhomba ku.ye noThantaswa.√√/Ebenengcinga yokuba xa efike kuqala kwindawo yolwaphulomthetho ityala liza kuphandwa nguye.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

7.5 Ndiyangqina kuba nguye uThantaswa noMfuneko abaceba ukuthenga ootsotsi ngeenjongo zokubulala uMsindisi.√/Nguye uThantaswa noMfuneko okhangela izigwinta ezifana nooSixaki abathenge ukubulala uMsindisi.√/Nguye Thantaswa ofowunela izigwinta ezinika indlela ethatyathwa nguMsindisi ukuze bamlalele endleleni.√/ UThantaswa uyabandakanyeka nasekubekeni imiqobo yokususa uMapheza endleleni.√
(Nasiphi na isiTHATHU kwezi.) (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.6 Udlale indima yokuba lixhoba kuba nguye obulawayo loo nto imenza ixhoba lolwaphulomthetho.√√ (2)

7.7 UThantaswa ulubona ulwaphulomthetho njengenqwanqwa lokumsondeza ebutyebini msinyane kanti uThembakazi ulubona ulwaphulomthetho njengeendlela ezingalunganga nanjengokuba kukudala ekrokra ukuba imvano kaNqoza noMfuneko idityaniswa lulwaphulomthetho.√√ (2)

7.8 Uthi makaphazamise uphando lokugwintwa kukaMsindisi.√/ Uthi makagalelele uMfezeko ityhefu eglasini.√/Uthi makayokuba uMfezeko esibhedlele amse kwaSiphongo.√/Uthi mabayokugqogqa kwaMfezeko nooSixaki beyokukhangela umpu kaMfezeko.√/Ngokumenza asoloko ekholelwa kuye yedwa uMapheza amjonge njengomenzi wobubi.√
(Nasiphi na isiTHATHU kwezi.) (3)

7.9 (a) UMfuneko unqunyanyiswa emsebenzini.√/UMfuneko udutyulwa nguThantaswa.√/UMfuneko wabulawa.√
(a) UMdlambila uyabanjwa uvalelwa ejele.√ (2)

7.10 NguMsindisi√ kuba wabulawa nguThantaswa ngeenjongo zokufumana ilifa lakhe.√/NguMfezeko√/NguMapheza√ kuba kwenziwa iinzame ezahlukeneyo zokumbulala.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.11 UMsindisi ufa ngokubulawa nguThantaswa kanti uThantaswa ufa ngokuzibulala.√√ (2)

7.12 Le noveli isebenzisa icebo lokugweba amapolisa abandakanyeka kulwaphulomthetho njengoNqoza noMfuneko.√√/Le noveli isebenzisa icebo lukugweba ababulali njengooSixaki.√√/Le noveli isebenzisa icebo lokugweba igqwetha elimele umthetho njengoMdlambila.√√/ Isebenzisa icebo lokufa kwezaphulimthetho. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Ukuthiya umlinganiswa igama sesinye sezixhobo ezisetyenziswa xa kubunjwa abalinganiswa. Kuthiwa ulilandele umlinganiswa igama lakhe xa alinikwayo lihambelana nezenzo zakhe ebalini ukuze kuphuhle umxholo webali.

- UMangaliso uthiywe walilandela igama lakhe kule noveli ekuqaleni kwebali ubizwa Tholelegqwirha gama elo elibonisa ubungento okanye ukujongelwa phantsi ngenxa yendlela akhule ngayo. Ulinikwa eli gama likaThole ukuze kungalindeleki nto intle kuye, iye yavela ke akuthatha isigqibo esisiso sokubuyela esikolweni.
- Unikwa igama elinguMangaliso elihambelana neziganeko nezehlo zebali apho afika azibalule esikolweni emdala ngokweminyaka ngokuba abekrelekrele.
- Obu bukrelekrele bubonakala kwiingxoxo mpikiswano nalapho aphumelela izifundo zakhe emagqabini. IbanguMangaliso into yokugqwesa kwakhe kuba ungene sele emdala esikolweni enze umangaliso xa atshata uThozama.
- Kwenzeka imimangaliso xa esamkela ubizo lobufundisi ngokulolwa yintshumayelo kaMfundisi uMaqoma.
- Umangaliso wenzeka ngomtshatokazi wakhe noThozama ayembona njengomxhasi wakhe.
- Uphinda amangalise xa kukhangelwa umfundisi onokuya eGeorge Goch nalapho avumayo xa abona ukuba akukho mfundisi ufuna ukuya khona.
- Akufika eGeorge Goch wenza imimangaliso xa angena esixekweni ashumayele ukuvuselela uluntu, wamkelwa ngobubele kunabanye abafundisi bangaphambili. Uququzelela iimvuselelo eziqokelela imali yokuncedisa ekwakheni icawa nalapho ibe yimpumelelo.
- Ufumana oyena mangaliso xa athi esenguMfundisi eGeorge Goch adityaniswe notata wakhe ngelizwi lentshumayelo nalapho wafumanisa ukuba uyise usaphila. Iphinda ibengumangaliso kuye into yokudibana nomlingane wakhe uVuma awayekhula naye. Ubutshijolo busoloko buhamba kunye nokungaphumeleli ebomini, nalapho uluntu luye lungakujongeli ntweni ngenxa yabo. Kule ncwadi kubonakala ubutshijolo buyileli yokusa uMangaliso kwimpumelelo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Wasifezekisa kuba wafundela ubufundisi waze wabekwa njengomfundisi waseGeorge Goch.√√ (2)

9.2 Sibhalwe ngokweprozi.√/Abalinganiswa abazithetheli ngqo.√/Ubukhulu becala abalinganiswa bazotywa ngokuthe ngqo.√/Sibhalwe ngokwezahluko.√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (1)

9.3 Yinyani kuba wakhwelisa uThole imoto eGcuwa engayanga kufika nakowabo wamsa eBhayi.√/Waselisa uThole utywala engafuni.√/Wakhwelisa uThole imoto eya eKnysna esithi iya eGcuwa.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

9.4 Ndihlutshwa zizenzo zam ezingahambisani nobizo lwam njengokuba ndisela utywala nje.√√ (2)

9.5 UThole usinda ekubethweni ngoobhuti Joe aze asindiswe ngamapolisa.√/ UThole usinda ekuqwengweni ziingonyama aze abeligqirha eliphum'izandla.√/UThole ubuyela esikolweni sele emdala aze afunde abengumfundisi odumileyo.√ (3)

9.6 Udlale indima yokuba liqhawe kuba usuke ekubeni ngumntu obonakala engenakamva/olitshijolo waze waphumelela wangumfundisi ophume izandla.√√ (2)

9.7 UFikizolo umbona emdala uMangaliso uba angaphindela esikolweni kangangokuba ufuna athathe umfazi kodwa uMangaliso ubona kusalungile ukuya esikolweni.√√ (2)

9.8 Wakha inkonzo eGeorge Goch.√/Wabangumfundisi owahlukileyo kubafundisi abafike phambi kwakhe.√/Wavuselela ngobuninzi abantu baseGeorge Goch elukholweni.√ (3)

9.9 UThemba noSonwabo baqwengwa ziingonyama bafa.√√ (2)

9.10 NguThole√ kuba isihloko sithiywe ngamazwi athethwa nguyise uFikizolo emva kokuba ebengasenathemba lokuba wobuya ambone xa kuvakala ukuba iitshomi zakhe uThemba noSonwabo baqwengwe ziingonyama.√/kuba isihloko sithiywe ngamazwi athethwa nguyise uMkwayi emva kokudibana naye sele enguchwenene womfundisi ebengasenathemba lokuba wobuya ambone emva kokulahlekana kwabo.√ (2)

9.11 UThole uphela engumfundisi owaziwayo kanti uSonwabo ufa ngokuqwengwa ziingonyama.√√ (2)

9.12 Le noveli isebenzisa icebo lokubethisa uThole ngoJoe neqela lakhe eBhayi.√√/Le noveli isebenzisa icebo lokubonisa uThole iitshomi zakhe ziqwengwa ziingonyama phambi kwakhe.√√/Le noveli isebenzisa icebo lokwenza uThole igqirha eKnysna aze athiwe mbende ngamaphupha kaThozama noNofundile ade anxubele ikhaya.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
Ukuthiya umlinganiswa igama sesinye sezixhobo ezisetyenziswa xa kubunjwa abalinganiswa. Kuthiwa ulilandele umlinganiswa igama lakhe xa alinikwayo lihambelana nezenzo zakhe ebalini ukuze kuphuhle umxholo webali.

- UMfazwe uzotywe walilandela igama athiywe ngalo kuba imfazwe ibhekiselele kwizixholoxholo, umlo, ukungaboni ngasonye okuye kuhambelane nezigalo nezixhobo ezithile. UMfazwe ubonakala engaqhwayi mfazwe koko esoyisa amadabi ajikeleze yena. Imfazwe alwa yona ephambili yile yokusiphula neengcambu, ukubukulwa kwabamnyama ngamabhulu. Ulwa imfazwe yokusiphula neengcambu ucalucalulo olugqubayo.
- Ubonwa njengomvukeli mbuso xa afundisa abantwana besikolo iFunda ngamalungelo abo, ubanjwa avalelwe ze akhutshwe ezanywa ukuba abe yintlola yamapolisa.
- Obu buntlola bufunwa kuye bubangela ukuba atyholwe njengempimpi nguFriday amthelekise nabantu bakwaQaka.
- Uzibona ekwenye imfazwe yakhe noFriday nalapho uFriday azama ukumbulala aze asindiswe kukufihlwa nguTat' uGaba. Imfazwe yakhe noFriday ijikeleza uNokuzola nalapho uFriday azithandela kuye ze enze ngokungathi kukho into eqhubekayo.
- Kubakho imfazwe akufika entlanganisweni nalapho abona khona ukuba uFriday sele ebatyhefile abantu bakwaQaka ngakumbi ulutsha ukuze lukholelwe ukuba uyimpimpi.
- Emva kokusinda kumayelenqe kaFriday afana nokumrhintyela ngokufa kwabantu ababekhwele icressida ucetyiswa nguMfundisi uHlathi ukuba abhace.
- Kwindlela esingisa elubhacweni uba kwenye imfazwe endleleni yezilwanyana ezinobungozi ze adibane nomzingeli omnika amafutha okuthambisa.
- Endleleni eya eThongo umana edibana nabavukeli mbuso amane esinda kubo.
- Ufika abe kwenye imfazwe yokungathenjwa xa adibana noSikhotsholo eMngazi nalapho alwa amoyise xa kusithiwa makabulawe. Ufika sele ebizwa njengentlola nongcothoza nalapho kulindeleke azibonakalise ukuba akayiyo.
- Ukuhlaselwa kwakhe achanwe emlenzeni ngamakhwenkwana awadibana nawo endleleni kumenza ukuba alwe elinye idabi lokuphila.
- Ubonakala eMthontsi engumfo othenjiweyo nalapho bazibona besilwa nabelungu abahlasela ngeenqwelo ntaka betshabalalisa iMthontsi.
- Uyaliphumelela idabi lengcinezelo wakuzuza inkululeko uMzantsi Afrika naye ubonakala eyijaji echophele amatyala abantu abafana nooFriday.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Ewe waliphumelela kuba ukubuya kwakhe elubhacweni uMzantsi Afrika wawusele uzuze inkululeko.√√ (2)

11.2 Ibhalwe ngokweprozi.√/Abalinganiswa abazithetheli ngqo.√/Ubukhulu becala abalinganiswa bazotywa ngokuthe ngqo√/Ibhalwe ngokwezahluko.√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (1)

11.3 Bubuxoki kuba uNokuzola wasweleka ebeleka ngeli xesha uMfazwe wayeselubhacweni.√√ (2)

11.4 Andiyiqondi kuba andiqhwayi mfazwe mna koko ndizama ukulwa idabi lengcinezelo.√√ (2)

11.5 Walenza icebo lokufundisa abantwana besikolo ngamalungelo wabo.√/ Walenza icebo lokuba angavumi ukuba yintlola yamapolisa.√/Walenza icebo lokubhaca ezibandakanya nombutho intsimb' ebomvu.√/Ukufundisa nokwalusa amakhwenkwe ayefika eMthontsi.√/Ukufunda abeligqwetha.√
(Nasiphi na isiTHATHU kwezi.) (3)

11.6 Ubelitshijolo kuba izenzo zakhe beziphazamisa bonke abantu abalwela inkululeko ngokunyoka amaqabane emapoliseni echasene nokulwela ingcinezelo.√√ (2)

11.7 UMzolisi ukubona ukubhaca iyinto elungileyo√ ude amkhuthaze uMfazwe kanti uMzingeli zange amkhuthaze uMfazwe kuba esithi akayi kusinda ekubulaweni.√ (2)

11.8 Wasinda ngokusebenzisa amafutha omzingeli.√/Wasinda ngokukhuselwa nokulwelwa yinja eyayithe gqolo ifika akuba sengxakini.√/Wasinda ekubulaweni nguSikhotsholo ngokuthi besahamba adutyulwe uSikhotsholo ngamakhwenkwana.√/Wasinda ngokutshona emngxunyeni mhla amabhulu ehlasela eMthontsi.√ (3)

11.9 USiphiwo wafundela ubufundisi.√
UMfazwe wafundela ubugqwetha.√ (2)

11.10 NguMfazwe√ kuba ubonakala ephumelela entingela phezulu kuzo zonke izabatha athe wahlangana nazo.√ (2)

11.11 UNokuzola waphela esweleka ngeli xa ebeleka uZubuye√ ze uMfazwe waphela eyijaji.√ (2)

11.12 Isebenzisa icebo lokujongana ngqo namabhulu okanye amapolisa amele ingcinezelo.√/Icebo lokubhaca ukuze bazibandakanye neqela lombutho olwa ingcinezelo 'Intsimb' ebomvu.√ (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 12: UMBUZO OMDE**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ndiyangqina kuba ukuthiya igama kusekelezelwe kwinkangeleko yomntu, iinjongo abazali abanazo ngawe kunye nemisebenzi oyenzayo ekhayeni nasekuhlaleni.
- **Kwintsomi u'Deli noDeliwe'** umlinganiswa uDeliwe ulilandele igama alinikiweyo xa kubonakala edeliwe ngabazali bakhe, umntakwabo kunye nabahlali ngenxa yesifombo.
- Ubonakala edeliwe ngabazali bakhe nalapho babengamthandi kuba besithi mbi ngenxa yesifombo.
- Umnakwabo udeli naye wayebonakala emdelile xa amhlekayo embiza njengomcholwa hayi udade wabo.
- Wayedelwe nasekuhlaleni esoloko elilolo kungekho mntu ufuna ukuhamba naye, abantu babecwezela kuye naxa kusiyiwa kutheza.
- Oku kudeleka kwakumhlupha kakhulu nalapho wathi akufumana uncedo ethunywe kwamakhulu wakhe wancedakala kwixhegokazi awadibana nalo endleleni waphalaza intlungu yakhe, waza wamxelela ngomthandazo, wancedakala uDeliwe sabuya isidima sakhe wathandwa luluntu lonke abantu becela uxolo ngendelelo abathe bamphatha ngayo.
  **Kwisibongo u'A! Zilimbola', uZilimbola ulilandele igama lakhe.**
- UA! Zilimbola sisikhahlelo sikaBurns Ncamashe. Intsingiselo yaso kukuzila imbola. Kuchaza ukuba akasayiqabi imbola ebisetyenziswa ngabantu ababomvu ukutsho oko abangayanga esikolweni. Imbola ibingaqatywa ngabantu abafundileyo nabantu abakholiweyo ngenxa yokuba kusithiwa baguqukile. Ngamanye amaxesha babizwa ngokuba ngamagqobhoka.
- UZilimbola ungomnye wamagqobhoka ngenxa yokubandakanyeka kwakhe kwezemfundo kunye nokukholwa kwakhe.
  Ukugqobhoka kwakhe kubonakalisa ukuba ulilandele igama lakhe nanjengoko athe wayiyeka/wayizila imbola. Uyizila ngokufunda amabanga akhe aphantsi eSt Phillips eDuncan eMonti. Emva koko wafunda eDebe Marhala eMiddledrift waze waphumela eIndwana Higher Mission kwisithili saseXhalanga. Ube ngumfundi ophumelela izifundo zakhe emagqabini ngenxa yobukrelekrele bengqondo kuba siva imbongi imncoma ngelithi:

Downloaded from Stanmorephysics.com

- '**Int'engqond' inamendu okwesikhotsholo'**. Ngenxa yokupasa emagqabini uZilimbola ufumene inkxasomali yakwaMasipala wayokufunda eSt Matthews Training College apho athe wafumana iNative Primary Lower Certificate. Ngo1938 Ufunde iJC nayo wayipasa enkqenkqeza phambili. UZilimbola ufundile eFort Hare, Unisa, kooRhowudzi naseKapa. Ngo1942 ufumene ischolarship kurhulumente waseCiskei waze wafunda ibanga leshumi eLovedale. Le mfundo ibonisa ukuba ngenene uZilimbola uyizilile imbola kuba imbongi iyambulela ngemfundo yakhe xa isithi:
- '**Tshotsho unxonxothele emfundweni ukuz'ubone** into ebonisa ukuba uncedwe yimfundo ukuze abenolwazi olungaka,' Itsho iphinda imbongi iveza ukudikwa kwayo ngabantu abangafundanga xa isithi 'Sikruqukile ziimfam' ezirhuqwa nasemini' okubonisa ukuba abantu abangafundanga ababoni/abazi nento le elula necacileyo bahleli nje bafuna umntu obacacisela ngemibandela ethile.
- Ukhe wasebenza njengomabhalana kwaNdabazabantu into ebonisa ukuba ebefundile uZilimbola. Nasezinkundleni zamatyala ebexoxa kume ngaye ngengommelimthetho ewuqinisa kanobom emdodeni kodwa kwabasetyhini enze ngathi akaboni siva imbongi xa isithi '**Nkunz'egweba ngomthetho enkundleni',**
- **Emadoden' iyawasakaza kangaka, Kwabasetyhin'ibetha ngoyaba.**

Kuyabonakala ukuba uZilimbola ebengumntu obeyithanda imfundo kuba ithi imbongi **'Kumlisela nomthinjana yalath'encwadini'** into ebonisa ukuba ulutsha ebelukhuthaza ukuba lufundile nanjengoko naye efundile.
Nasecaweni uZilimbola ubeyizilile imbola kuba kusithiwa umntu okhonzayo ugqobhokile akayiqabi imbola. Ngenxa yefuthe likayise obehambeshumayela uye walandela ekhondweni waba nguBishophu wamaTopiya
Ngokwenene uZilimbola ulilandele igama lakhe wade wafuthela nabanye abantu ukuba bazile imbola ngokuya esikolweni bafunde.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Sazalisekiswa kuba izizukulwana nazo zizalwa zinemibala efana neyabazali.√√ (2)

13.2 Isivula ntsomi.√/Uphindaphindo lwamagama.√ izilwanyana ezithethayo.√
(Nasiphi na isiBINI kwezi.) (2)

13.3 Yinyani kuba iqaqa lihle kakhulu kodwa ivumba lalo alinyamezeleki.√√ (2)

13.4 Ngumtyesheli womyalelo kuba zange awulandele umyalelo wokukhetha umbala ngexesha alinikiweyo.√√ (2)

13.5 Sesokuba azibone engenambala mnye anokuzidla ngawo ujikajika kwiindawo zonke ahleli kuzo.√√ (2)

13.6 Umbala omhlophe ungumqondiso wobunyulu√/woxolo.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.7 Ndiyangqina uyakhathala kuba wakwazi ukuzicacisela ngendlela yokukhetha nesizathu sokukhetha imibala.√√ (2)

13.8 Isifundisa ukuba ungumntu kuyanyanzeleka ukwazi ukuthatha isigqibo ukuze uzidle ngaso.√√ (2)

13.9 Isikhahlelo u 'A! Nolizwe!'√/Isiphelo u 'Ncincilili.'√ (2)

13.10 Sakhiwe ngempinda A! Nolizwe!, esekuqaleni nasekupheleni kwesitanza ngasinye kwezi zibini'.√/Isikhahlelo esisetyenziswa ukuvula isitanza ngasinye asasesi sicatshulwa sombongo.√√ (2)

13.11 'Imvu ebuso bulubisi, amazwi abubusi'.√√ (2)

13.12 Ngumntu osoloko exhobile noba akukho nto izakwenzeka.√√ (2)

13.13 Kukuncoma uNolizwe ngemisebenzi yakhe emihle enceda isizwe.√√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Abalingansiwa kule drama bacinga ukuba banamagunya oku kuvakala kwiintetha zabo bebeka imiqathango nemiyalelo ekumele ukuba iyalandelwa. Aba balinganiswa babonakala bengalisebenzisi ngendlela eyiyo kuba liphela lichaphazela abanye abantu.

**UMaGaba**
- Amazwi kaMaGaba athi, 'Andikhathali nokuba umntu uchasa ade alale ngomqolo phantsi' abonakalisa ukuba ucinga ukuba unalo igunya lokunyanzela uGugulethu ukuba atshate noThobeka othandwa nguye yena Gabakazi.
- Ulithatha eli gunya alisebenzise aqweqwedise uZwilakhe. Amazwi akhe athi, 'Ndiyathemba ukuba akuyi kujika kwinto oyithethileyo, uzenze ixoki' angqina ukumqweqwedisa ngegunya acinga ukuba unalo. Loo mazwi akhe ngamazwi uZwilakhe aqweqwedisa ngawo uGugulethu esithi ukuba uyajika kule nto uyakuba uzenza ixoki newexuwexu.

**UZwilakhe:**
- UZwilakhe igunya ulithabatha ngokulinikwa nguMaGaba othetha ngathi sekuthandabuzeka nobudoda bakhe ukuba akahambisani nombono wokuba uGugulethu makazekelwe umfazi onguThobeka.
- Ngamazwi akhe athi, 'Yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothama, loo nto ndizakuyimela, andikhathali nokuba umntu sele esithini, ukuba ndithe umntu uza kuzeka intombi ethandwe ndim, uza kwenza loo nto ke' uzinika igunya lokwenza nantoni ukuqinisekisa ukuba uGugulethu wakhe umthathela uThobeka.
- Ngelo gunya uqweqwedisa uGugulethu ukuba azibone ukuba kufuneka azeke, kwaye ambonelwe nguye umfazi nangona enze impazamo yokushiya engawucacisanga umda wentetho yakhe ethi akazukumfunza.
- Ubuya alisebenzise kakubi igunya lokuba yinkulu yamaHlubi kwakhe kwamanye amaHlubi ngokwenza ngathi ilizwi lakhe lokuba uGugulethu atshate uThobeka lifanele ukuba lelokugqibela atsho awaqweqwedise amaHlubi.
- Eli gunya limenza afune ukunyanzelisa 'umkhuba', ngabula Zweni, ngelithi lisiko ekufuneka liqale entloko, yena abengumzekelo.
- Ulisebenzisa kakubi igunya, anyanzelise ukuba amaHlubi aye kucela ubulawu kwaMcothama, abuye atshatise uGugulethu ecaweni selezibophe isandla, kwakhona, athumele uThobeka osele enowalakahla lwabantwana abathathu eMthatha kuGugulethu emva kweminyaka elineshumi elinambini, bangene kwilishwa lokuba uGugulethu ababulale.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UGugulethu**

- Ucinga ukuba unegunya lokuzifunela umfazi amthandayo akuva ilizwi likayise elithi akamelanga kufunzwa ade ayongena engcwabeni.
- Ulisebenzisa kakubi akucinga ukuba likuye, agabadele, azizamele umfazi onguNomaMpondomise, amthembise, kanti igunya lisekuZwilakhe.
- Uqhubela phambili ukusebenzisa igunya lokuvala umlomo xa ecinga ukuba akaphathekanga kakuhle kutsho kuthi kanti kuvuleka uthotho lweengxaki eziquka, ukumangalelwa kwakhe nguNomaMpondomise, ukufa kukaNomaMpondomise, ukufa kukaManyawuza ukuya kuma ngesihelegu sikaGugulethu sokubulala.

**UNomaMpondomise**

- Ekucingeni kwakhe uNomaMpondomise uzinika igunya lokutshata noGugulethu ngenxa yothando nesicelo sikaGugulethu. Elo gunya limenza amangalele uGugulethu xa efumanisa ukuba sele etshate noThobeka. Limdudulela ekubeni ade abeyingozi kuye nakubo bonke abamthandayo, azeyelisele emlanjeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

15.1 Ushiywa nguGugulethu egqiba kutshata naye.√/UThobeka unabantwana abathathu abangengabo abakaGugulethu.√/Usiwa eMthatha kuGugulethu ongamfuniyo nabantwana afike angamkeleki, abulawe.√
(Nasiphi isiBINi na kwezi.) (2)

15.2 UThobeka wendela emaHlubini√ kuba ngokwebali wayehleli emaHlubini iminyaka elishumi elinesibini wade wanabantwana abathathu emaHlubini.√ (2)

15.3 Umzoba ngqo√ kuba umchaza ngokungafihlakalanga ngesichazi esingu 'ukhuthele'.√ (2)

15.4 Luyidale ngokuthi uGugulethu alubone lungundoqo ekwakhiweni komtshato ngeli xesha abazali bakhe bengaluboni njengento ebalulekileyo ekwakhiweni komtshato.√√ (2)

15.5 UMaGaba ukhethela uGugulethu umfazi othandwa nguye.√√/UMaGaba woxuthe ilungelo lokuzikhethela umntu afuna ukutshata naye uGugulethu.√√ (2)

15.6 Le ngxoxo ilikhulisile ibali kuba ikhokelele ekubeni uMaGaba ayalele uZwilakhe ukuba uGugulethu atshate noThobeka hayi enye intombi.√/Ukwala kukaGugulethu kwandisa iziganeko ezikhulisa ibali liqhubekele phambili.√ (2)

15.7 Ndiyaluxhasa kuba uMzamo ubonakala exhasa uGugulethu ngomba wesiko alibona liphelelwe lixesha aze uSicelo abone kulungile ukubonelwa.√√ (2)

15.8 Intlungu kaMcunukelwa yeyokwaliwa nguNomampondomise ade akhuphe neenkomo zakhe.√/Intlungu kaThobeka yeyokungakhathalelwa kwakhe akuba endele kuGugulethu√/yeyokubulawa nguGugulethu.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.9 UMzamo njengomhlobo kaGugulethu ndiyamncoma ngokungafuni kuzibonakalisa kuSicelo ukuba ukweliphi na icala ngakuGugulethu kuba beziintanga ingakumbi xa uSicelo emgxeka uGugulethu ngokungahloneli abazali kodwa ekwamncoma ngokuza kwakhe ecaweni okubonakalisa ukuhlonela abazali bakhe.√√/UMzamo njengomhlobo kaGugulethu ndiyamgxeka kuba ubonakala engaqinisekanga ngecala akulo malunga nesigqibo sikaGugulethu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.10 Ndiyamngqinela uSicelo kuba uGugulethu zange abaxelele abazali bakhe ngentombi afuna ukuyitshata nangoku sebembonela akachazi ukuba unentombi ayithembisileyo.√√
Andimngqineli kuba uGugulethu ebechazile ebazalini bakhe ukuba umcimbi wentombi mawuyekelwe kuye.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.11 Ndiyaxhasa kuba ikholwane ngumlinganiswa othenjiweyo ngomnye aye amxelele zonke iimfihlelo kwaneenjongo zakhe√ njengoMzamo kuba ulikholwane likaGugulethu kuba ebemchazela iinjongo zakhe ngentombi ayithandayo uNomaMpondomise.√ (2)

15.12 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi√ nakulo mdlalo kuxhaphake iziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukufa nokubulawa kwabantu nesiphelo esibi.√ (3)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Abalingansiwa kule drama bacinga ukuba banamagunya oku kuvakala kwiintetha zabo bebeka imiqathango nemiyalelo ekumele ukuba iyalandelwa. Aba balinganiswa babonakala bengalisebenzisi ngendlela eyiyo kuba liphela lichaphazela abanye abantu.

**UMagrazula**
- UMagrazula uzinika igunya lokuphila ngeengxaki zabantu abahlelelekileyo ukuzikhupha endlaleni. Ulisebenzisa gwenxa eli gunya ngokushishina ngeentsana ezibiweyo.
- Ufaka uMalunyawana kweli shishini otshintsha iimbuso zabantu ngeemali ezitshisiweyo. NguMalunyawana otshintsha uDlezinye amenze ixhego lomfundisi elihambe liloba abafazi abahluphekileyo ukuze bancedise ekubiweni kweentsana.

**UMamQhinebe**
- Uthatha igunya acinga ukuba ulinikwe nguMagrazula lokuba iintsana zabantu.
- Igunya lokurhintyela uMaGatyeni ulithathela kwimeko yobuhlwempu bukaMaGatyeni omkweleta ukutya, nasekubeni eyazi yonke imeko yokuhlwempuzeka kukaMaGatyeni ukuya kuma ngeminqweno yakhe.
- Ulisebenzisa eli gunya acenge, enze izithembiso, ade amqweqwedise uMaGatyeni ukuba angenele ukuba nokuthengisa iintsana zabantu.
- Balisebenzisa gwenxa eli gunya ngokuzithatha nangenkani iintsana zabantu, bebagqebha nangeehamile, bezenza namanesi kanti bazifaka emigibeni yokubanjwa.

**UMaqhikizane**
- Ngokuba kwi-ofisi eqeshayo enalo negunya lokuqesha, uzinika elongezelelweyo lokuzenzela imali ngeentlupheko zabantu ngokubanyobisa ukuze bafumane imisebenzi.
- Ulisebenzisa kakubi ngokubabiza imali ukuze bafumane imisebenzi, baze abangamabhinqa abaxhaphaze, okanye abenze bakufune ukuxhatshazwa ngenxa yokuba ebonakala ehlutha.
- Intlutha akuyo imnika elinye igunya lokufikelela kwiintonjazana ezisokolayo kuba zijonge ukufumana amaqithiqithi epokotho yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 Uthwalise abantu imithwalo erenkini.√/uthengisa iibhotile.√/uthengisa iintsana.√
(Nasiphi na isiBINI kwezi.) (2)

17.2 USiphokazi waphangela√ kuba wafumana ileta ethi maze afike kwiofisi eyayiyekaMaqhikizane eseBotha Sigcau.√ (2)

17.3 Uzizoba mayana√ kuba uthetha ngokungangqalanga xa echaza isenzo sakhe sokungasithethi isiLungu.√ (2)

17.4 Iyidale ngokuthi abadala babona kulungile ukunyoba nokwaphula umthetho ukuze basuse ikati eziko ngeli xa abatsha bexolele ukulala ngezisu ezigunkcuza amanzi kunokuba bophule umthetho.√√ (2)

17.5 UMaqhikizane unyobisa ngomsebenzi ebantwini abangathathintweni.√√ (2)

17.6 Le ngxoxo ilikhulisile ibali kuba kulapho uSiqhiwu atyhile ubuqhophololo obuqhubeka kwiiofisi zikarhumente.√√/Le ngxoxo ilikhulisile ibali kuba kulapho uMamQhinebe abonakala ephelelwa lithemba wabhenela kulwaphulomthetho ukuzisusa endlaleni.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.7 Bohlulelene kuba uMamQhinebe ukubona kulungile ukunyobela umsebenzi kanti uSiqhiwu yena akakufuni ukunyoba.√√ (2)

17.8 UMaqhikizane noMamQhinebe bafumene isohlwayo sokubanjwa ngamapolisa.√ (2)

17.9 Yintetho emfaneleyo uMaqhikizane kuba uzibonakalise ubungento ngokuthi adele umsebenzi obalulekileyo wokunceda abantu ngokufuna ukunyotywa ngemali ukuze bazuze umsebenzi.√√/Yintetho emfaneleyo uMaqhikizane kuba usebenzisa isikhundla sakhe nemali ngokuthi alobe amantombazana afana noSiphokazi ukuba athandane naye.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.10 Ndiyangqinelana kuba zizenzo zokunyoluka ezimfake kule ngxaki akuyo yokuzibona esenkundleni yamatyala.√√
Andingqinelani kuba ukhuthazelwe kulo mkhuba ngabantu abamane bemnika imali yokunyoba xa befuna umsebenzi.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.11 Ndiyaxhasa kuba ummeli-ntlobo ngumlinganiswa omele uhlobo oluthile lomsebenzi.√/ Ndiyaxhasa kuba ummeli-ntlobo ngumlinganiswa ondima yakhe icaca gca zisuka ngokufunda igama athiywe ngalo√ njengomantyi kulindeleke ukuba amele umthetho ngokuthi agwebe ityala alichopheleyo.√ (2)

17.12 Yintlekele-siyoliso√ kuba umdlalo oyintlekele- siyoliso ubonakala ngokuthi ubeneziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu kodwa ubenesiphelo esihle√ nakulo mdlalo uqala ngolwaphulomthetho lokubiwa kweentsana nokunyoba ukuze kufumaneke imisebenzi uze uphele abantu bewufumana umsebenzi ngaphandle kokunyoba.√ (3)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| UMXHOLO | 13–15 | 10–12 | 7–9 | 4–6 | 0–3 |
| 15 AMANQAKU | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| ISAKHIWO NOLWIMI | 9–10 | 7–8 | 5–6 | 3–4 | 0–2 |
| 10 AMANQAKU | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

- **Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
- **Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**